

Vuk'uzenzele

Ipapashwe liZiko lezoNxibeletwano nokuSasazwa koLwazi lukaRhulumente (GCIS)

English/isiXhosa

EyoMnga 2021



**Ukufaka
izikhala
ze-GEPF
kwenziwe
kwalula
Iphepha lesi-2**



**Ukuqhawula
imiqobo yoku-
ngena kwiCandelo
likaRhulumente
Iphepha le-10**

Xela urhwaphilizo ngomnxeba wokulwa norhwaphilizo

UKUBA NGABA urhanelia izenzo zorhwaphilizo, ubuqhophololo, ubusela okanye ezinye izenzo ezigwenxa kwinkonzo karhulumente, uyabongozwa ukuba uxile.

Silusapho Nyanda

Unqanda urhwaphilizo kwiinkonzo zoluntu kuyakuhla kungowona mba uphamili kurhulumente, yiyo loonto kukho uMnxeba weSizwe oChasene noRhwaphilizo owenza kubelula ukuba uluntu xa lukrokrela izenzo zorhwaphilizo luzixele kulo mnxeba.

Lo mnxeba waphelelewa ngokusesikweni yiKomishoni yeNkonzo kaRhulumente (i-PSC) ngonyaka wama-2004, ukususela ngoko ke sele wamkele iminxeba engaphezulu kwama-100 000 ebika ngezityholo zorhwaphilizo nolawulo olugwenxa. UMkomishinala weNkonzo kaRhulumente u-Michael Seloane, owongamele wonke umsebenzi owenziwe yile komishoni uthi le minxeba eyenziwa ngabo bahlaba i-khwelo ikhokelele kuphando



nenkqubo yokurekhoda imiyalezo ezishicilela yona ngokwayo kwabo banwenela ukutsalela umnxeba wethu emva kweeyure zomsebenzi". Wongeza ngelithi ukusukela oko ehlisiwe amanqanaba okumiswa kweentshukumo, kukho ukonyuka okuthe qolo ekuxelweni korhwaphilizo olunxulumene nezibonelelo zentlalo-ntle, ingakumbi izibonelelo zoNcedo lweNtla-lo-ntle ngexesa leNtakel.

Ukomeleza iinzame zokunqanda urhwaphilizo, uRhulumente uxhabise ii-arthente zogcino-mthetho ngabasebenzi abanezakhono, kwakhona waseka iZiko elidibanisa zonke ii-arthente zogcino-mthetho i-Fusion Centre. Eli ziko liyingqokelela yamaqela ee-arthente zogcino-mthetho ezabelana ngolwazi nezihobo zokulwa ubuqhophololo norhwaphilizo

Iwamatyala angama-24 035 orhwaphilizo, ubuqhophololo kunye nolunye ulwaphulomthetho.

Phakathi konyaka wama-2020 kunye nowama-2021, ngamatyala abalelwakuma-337axelwe kulo mnxeba. Amashumi amathathu anesihlanu ala

matyala aphandwa yi-PSC abandakanya ukuqeshwa kunye nezitenxo zokuthengwa kweempahla. Kwaze kwathi ke amatyala athe ashiyeka athunyelewa kwamanye amasebe karhulumente okanye ii-arthente zogcino-mthetho ukuze aphandwe.

Inkqubo yoKwakha ngokutsha noPhuhliso lwezindlu (i-RDP), ithenda kunye nezibonelelo zentlalo zezinye zeazona zityholo zixhaphakileyo ezenziweyo. U-Seloane uqhubeka athi, "Ngexesa lokumiswa kweentshukumo siye salunywa indlebe nge-imeyile. Sikwanayo

**Liqhubeka kwiphepha
lesi-2**



Ukufunda uVuk'uzenzele khuphela i-GOVAPP kwi:



Khangela u- SA Government kwi Google playstore okanye kwi-appstore

QHAGMSHELANA NATHI



Vuk'uzenzele



@VukuzenzeNews

Iwebhusayithi: www.gcis.gov.za I-imayili: vukuzenze@gcis.gov.za

www.vukuzenze.gov.za

Inombolo yomnxeba: (+27) 12 473 0103

Tshedimosetso House:

1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 00083

EYASIMAHLA AYITHENGISWA

Liqhubeka lisuka kwiphepha loku-1

ekufumaneni iimpahla neenkonzo ezinxulumene ne-COVID-19.

Kwenzeka ntoni emva kokuba umntu etsale indlebeyabezemthetho?

USeloane uthi xa ityala lixelwa ngomnxeba, amagaosa esisombululo aye ajonge ukuba zonke iinkcukacha ezifanelekileyo zikhona na. Oku kuquka iinkcukacha zokuba ngubani owenze ntoni, senziwe nini isenzo eso sesityholo, kwaye bekutheni. Uthi xa kuthe kwafunyanisa ubugwenxa – nokuba bubugwenxa bokuthenga nokuqeshwa, ukunyotywa,

urhwaphilizo olunxulumene nezindlu ze-RDP, ubuqhophololo kwisibonelelo sika-rhulumente, ukufudukela kwelinje ilizwe ngokungekho mthethweni, ukubetha, ubusela okanye ubuqhophololo. I-PSC iye mhlawumbi icebise ngamanyathelo olungiso kwisebe elicha-phazelekayo okanye ityala elo ligqithiselwe koKhetshe, kwi-SAPS okanye kwiQela lokuLwa uRhwaphilizo ukuze kuphandwe nangakumbi. Amatyala i-PSC eye iwabhekise kumasebe ukuze aphanwe, aquka:

- Abasebenzi bakarhulumente abenza umsebenzi owongezelelweyo kuba befumana imali ngaphandle kwemvume yamasebe

- Iinjongo ezingquzelana nesivumelwano somsebenzi ebezingakhange zichazwe ngethuba, kunye • Nokuziphatha kakubi.

USeloane uthi i-PSC iye inike amasebe karhulumente iintsuku ezingama60 ukuba enze uphando, avale ityala. Uthi emva koko isebe lazisa i-PSC ngeziphumo zalo. "Ukuba ngaba sonwabile ngamanyathelo athatya-thwe lisebe, siza kulivala ityala, kodwa ukuba ngaba asonelanga, sibuyela kubo."

Ukungaziwa kuqi-nisekisiwe

Xa umntu ohlabi ikhwelo engafuni ukuba kuchazwe ukuba ungubani, igosa lomnxeba le-PSC lithatha

iinkcukacha zabo zoqhamashelwano kuphela. Oku kubalulekile kuba kaloku ukuba ngaba kukho imfuneko yowlazi olongezelelwewyo, i-PSC kufuneka ikwazi ukuqhagamshelana nabo. Abo bahlaba ikhwelo lama-tyala kumnxeba we-PSC baqinisekiswa ngokukhuselwa ukuba ngaba bafuna ukuhlala bengaziwa, utsho uSeloane. Ucacisa athi, ama-

gosa esisombululo aeqeshiwe ukuze aqinisekise ukuba isazisi somhlabi-khwelo sihlala sikhuselekile

U-Seloane uthi abantu baseMzantsi Afrika mabaluxele urhwaphilizo kuba luxhwila ebantwini abangathathi ntweni kwaye lumisa uphuhliso, nto leyo ebangela ukuba ilizwe lingakwazi ukuqhubela phambili.❶

Umnxeba weSizwe wokuChasana
noRhwaphilizo: 0800 701 701
Abahlabi-khwelo bangakwazi
ukuxela kule imeyile (*integrity@publicservicecorruptionhotline.org.za*)
okanye ifeksi (0800 204 965).

Ukufaka izikhhalazo ze-GEPF kwenziwe kwalula

Amalungu, abo abadla umhlala-phantse kwakunye nabaxhamli bengxowa-mali yoMhlaphantsi waBasebenzi bakaRhulumente (i-GEPF) ngoku bangakwazi ukufuna uncedo xa bengonwabanga nge-nkonzo noncedo abalufumana kwi-GEPF. Ngee-nzame zokuqinisekisa ukuba amalungu e-GEPF kune-neentsapho zowo aphathwa ngobulungisa, kutshanje ibhodi iseke i-ofisi yokusingatha izikhhalazo. Le ofisi ibizwa ngokuba yi-Government Employees Pension Ombudsman (i-GEPD) iyi-ofisi yangaphakathi e-GEPF nangona kodwa yona izimele ngokwayo. I-GEPD ingenye yeengxowamali ezinkulu zomhlalaphantsi kwihlabathi, inamalungu angaphezu kwe-1.2

esigidi kwakhona inamalungu asele esidla umhlala-phantse kwakunye nabaxhamli abangaphaya kuma-450 000. Le ngxowa-mali yasekwa kwaye ilawulwa ngoko-Mthethwo Mhlaphantsi wabaSebenzi bakaRhulumente.

Iggwetha uMakhado Ramabulana obekwe njengo Nozikhalazo (i-Ombud). Uthi le ofisi yasekwa nge-njongo yokunceda abantu abangonwabanga ziinkonzo abazifumana kwi-GEPF.

Le ofisi izakuba lunchedo olukhulu ngakumbi kwabobantu bangakwazi o ukuzihlawulela iindleko zomthetho, kuba kaloku ngoku ngaphambi kokuba abantu bathabathe izikhhalazo zabo bazise kwi-Ofisi yoMkhulseli woluntu okanye kwiinkundla zamatyala, ngoku bazaku-

kwazi ukufumana uncedo nongenelelo olusuka kuNozikhalazo.

UNozikhhalazo uza kunge-nelela kwimiba ekhokelela ekulibazisekeni ngokungafanelekanga kweentlawulo zabafaki-mabango. Kodwake angalamla izikhhalazo ezi-vele kule minyaka mithathu igqithileyo kuphela.

Eminye imiba ejongwe ngaphakathi kwe-GEPD ibandakanya:

- Ukusilela kwamagosa ukwenza imisebenzi yavo ngokomthetho nemigaqo yeNgxowa-mali;
- Ukwaphula isibophelelo ngaphandle kwasizathu esibambekayo; kwakunye
- Nolwazi olungachanekanga okanye olulahleki-sayo olusuka kubasebenzi be-GEPF.

Phambi kokufaka isikhhalazo

kwi-GEPO, umntu kufuneka athumele isikhhalazo esibhaliweyo kwi-GEPF, mhlawumbi kwi-Arhente yoLawulo loMhlaphantsi kaRhulumente (i-GPAA) okanye kumqeshi wakhe, aze abanike ithuba lokusilungisa isikhhalazo eso. U-Ramabulana ucacise wathi, "Kufuneka ubanike

ithuba elingangee ntsuku ezingama-30 ukuba balungise imiba oyikhalazelo. Ukuba ngaba, emva kweentsuku ezingama-30, imiba yakho ayikasonjululwa, ungasifaka ke isikhhalazo kuNozikhalazo".

UNozikhhalazo akazulamkela ityala ukuba sele kukho

uphando olusemthethweni oluqhutywayo kwenye indawo.

"Kwiiveki ezimbini ukusuka kumhla wokufunyanwa kwesikhhalazo, i-GEPD iza kuthathela ingqalelo [ityala] kwaye yazise ummangali ukuba izakukwazi na ukuphanda ithathe isigqibo ngomba lowo."

Ukuba uNozikhalazo uyala ukuphanda isikhhalazo, ummangali angabhalela i-ofisi ye-GEPD zingaphelanga iintsuku ezingama-21 enika izizathu zokuba kutheni ekholelwa ukuba isikhhalazo siwela phantsi komyalelo we-GEPD.❷

Izhokelo ezineenkukacha malunga nendlela yokufaka isikhhalazo ziyafumaneka kwiwebhusayithi ye-GEPD ethi-
www.gepo.co.za. Izikhhalazo zingangeniswa kwi-intanethi, ngembalelwano, okanye nge-imeyile. Ngolwazi oluthe vetshe qhagamshelana nomphathi weZikhhalazo ngokubhala iletanya kwi-PO Box 11005, Hatfield, Pretoria, 0028, imeyile: enquiries@gepo.co.za okanye umnxeba: 012 110 4950



government
communications

Department:
Government Communication and Information System
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: 012 473 0353

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za

Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Acting Head of
Editorial and Production
Tyrone Seale | tyrone@gcis.gov.za

Acting Editor-in-Chief
Zanele Mgadi | zanelemgadi@gcis.gov.za

Managing Editor
Irene Naidoo | irene@gcis.gov.za

Writers
More Matshediso
Jauhara Khan
Silusapho Nyanda

Senior Designer
Tendai Gonese


Language Practitioners
Nomgcibelo Motha
Boitumelo Phalatse
Thandolunye Magudulela

Vuk'uzenzele
is published by Government Communications (GCIS)

All rights reserved. Reproduction of the newspaper in whole or in part without written permission is strictly prohibited.

Printed by:

Distributed by:



Ukwakha isiseko sotyalo-mali

Ngokwesiqhe, kweli xesha lonyaka sidla ngokudibana abatyali-mali abaphuma kwilizwe liphe-la nakwihlabathi jikelele. Sibadibaniela kwiNkomfa yoTyalo-mali yaseMzantsi Afrika ebanja rhoqo nognayaka.

Ngonyaka wama- 2018 sabamba iNkomfa yoTyalo-mali yokuqala njengenxalenyephulo lethu lokonyusa i-R1.2 yetriliyonu kutyalo-mali olutsha kwisithuba seminyaka emihlanu. Lenkomfa yayizinyaswe ngabathunywa abangaphezu kwewaka ngo-2018 nango-2019. Kodwa ke ngenxa yobhubhane lwe-COVID-19 ngo-2020 ibibanjwe ngo-buxhaka-xhaka beteknoloji .

Zisonke, ezi nkomfa zonyuse ngaphezu kwe-R770 yeebhiliyonu zerandi kwizibophelelo nezivumelwano zotyalo-mali kumacandelo amanini oqoqosh. Inkomfa yesine yoTyalo-mali yaseMzantsi Afrika ibiza kubanjwa ngenyanga ye-Nkanga kulo nyaka ka-2021, kodwa sigqibe kwelokuba siyifudusele kwinyanga yeNkwindla kunya ola-andelayo ka-2022 ngenxa ye-zinye iinkqubo eziliqela ezenzekayo ngeli xesha. Ezi nkqubo ziquka unyulo loorhulumente basekhaya, inkomfa yemozulu ye-COP26 kune noMboniso woRhwebo wangaphakathi kwe-Afrika. Esinye isizathu esibaluleki-leyo sokuyibamba kulo nyaka uzayo kukuba noko amanani abantu abazakuba begonye-lwe i-COVID-19 ayakuba sele onyukile noko ngelo xesha, nto leyo ezakukwenza kubelula ukuhamba kune noku-dibana endaweni enye.

Nangona iNkomfa yesine yoTyalo-mali izakubanwa



emva kweenyanga ezimbalwa, kodwa lona iphulo lethu lotyalo-mali liyaqhubekeka. Liqhubekaka nokuba lumphakathi komceli mngeni wemeko yezoqoqosho ebaengelwe ngubhubhane we-COVID-19, meko leyo eyathi yaphinda yandiswa nangakumbi bubundlobongela nentshabalalo eyezeke kwiindawo ezithile zaKwaZulu-Natal nase-Rhawutini ngenyanga ye-Khala. Amashishini ayaqhube ka nokwenza okulungileyo kwizibophelelo zavo, kune nokujonga amanye amathuba otynalo-mali eMzantsi Afrika.

Kulo nyaka uphelileyo nje kuphela, phantse i-R120 yebhiliyonu yotyalo-mali iye yangena kulwakhiwo lweprojekthi okanye ekwanidiswenikwayo. Okukuthetha ukuba ukuza kuthi ga ngoku malunga nama-38% ezibophelelo zotyalo-mali zisonke -okanye i-R290 yeebhiliyonu - sele ingene kuqoqosh. Olunye utyalo-mali luye lwalibaziseka ngenxa ye-COVID-19, ngakumbi kumacandelo antlitheke nzima kolu bhubhane afana nophuhliso lwezindlu kune necandelo lezokhenketho. Uqoqosh olubonisa intantsi entsha kwaye olukhula ngokonwabisayo likumashishini avelisa amayeza.

I-Aspen Pharmacare isandula kuphelelela ulwandiso

lwayo lwe-R3.4 yeebhiliyon, eyayilubhengeze kwiNkomfa yoTyalo-mali yonyaka yowama-2018. Olu tyalo-mali luguqule umzi-mveliso wakwa-Aspen oseGqeberha waba yenye yezona ndawo zinkulu emhlabeni jikelele zokwenziwa kweyeza loka-thomalalisa iintlungu kwaye sele ibonelele ngomthamo ongaphezulu kwezigidi eziyi-100 zesitofu sokugonyela i-COVID-19 sakwa-Johnson & Johnson.

UMBUTHOWEZE Mpilowe Hlabathi ukwakhethu uMzantsi Afrika ukuba ubambe indawo yokwenziwa kwestofu sokugonya i-mRNA ne-Biovac Institute, le ke yintsebenziswano ephakathi kukanhulumente namashishini abucala. Inzalelwane yalapha eMzantsi Afrika UGqr Patrick Soon-Shiong kune nekhampani yakhe i-NantWorks kutsha nje babhengeze inyathelo lokwakha ukhathalelo lwezempiro olukwinqanaba eliphezulu e-Afrika. Ukongeza kutyalo-mali abaza kuluzisa, olu phuhliso luya kuba negalelo kumnqweno wethu oyindibaniwelano wokuba ilizwekazi lenze ii-60% eemfuno zalo zogonyo singekagqithi kuna-ya wama-2040.

Enye indawo yokukhula kwezoqoqosho ikwicandelo lamandla ombane. Abanikimaxabiso abangama-25

ababekhethwe kumjikelo wesihlanu weNkqubo yethu yokuFumana uMvelisi oZimeleyo waMandla oMbane oHlaziyekayo, kulindeleke ukuba batyale imali emalunga neebhiliyon ezingama-R50 kuqoqosho. Ukonyuswa komgangatho welayisenisi yokuveliswa okuzinzisi-weyo ukuya kwiimegawathi ezili-100 kusenokwenzeka ukuba kubangele utyalo-mali lwabucala olukhulu kwiiprojekthi zokuvelia umbane.

Kutsha nje uMzantsi Afrika ufumene isibophelelo sokuqala esimalunga ne-R131 yeebhiliyon zokuxhasa ngemali utshintsho oluya kuqoqosho Iwekhabhoni ephantsi, ngokutyalu imali kumandla ombane ohlaziyekayo, i-hayidrojini ecocekileyo kwakunye nezithuthi zombane. Oku kuzibophelela kwe-United States, i-United Kingdom, iFransi, ijAmani kune neManyano yaseYurophu kuhambelana neSivumelwano sase-Paris, esibophelela amazwe afumi-leyo ukuba axhase ukuyeka kokusetyenziswa kwe khaboni kumazwe asakhasayo.

Olu tyalo-mali kumandla ombane luza kusinceda ukuba soyise ucimi-cimi wombane ilizwe elijongene nawo owenziwa njengeenzame zokuncitthiswa komthwalo osemandleni ombane elizweni, njengoko ngoku umthamo omtsha wokuvelia umbane sele uqaliswa.

Utyalo-mali olutsha oluninzi kumaziko agcina ulwazi kune neentambo ezihamba ngaphantsi kolwandle aluyi kuzisa utyalo-mali olutsha kuphela nje, kodwa luza kubonelela ngeziseko eziyimfuneko ekukhuleni kweteknoloji kune namashishini onxibelelwano.

Kweli phulo lethu lotyalo-

mali inxalenye ebalulekileyo yisiphumo sohlenga-hlengiso esilwenzayo kwimimandla efana nezamandla, ezonxibelelwano, amanzi namazibuko noololiwe. Olu hlengahlengiso ke luza kuphucula ukusebenza kakuhle kwakunye nokhuphiswano, luthobe iindleko zokwenza ushishino eMzantsi Afrika, kananjalo lukhuthaze utyalo-mali lwabucala olukhulu kwiziseko ezingundoqo zoqoqosho lwethu.

Ngoku sinemimandla yoqoqosho ekhetekileyo eli-13 kwilizwe liphe-la, ibonelela abatyali-mali ngenkuthazo yotyalo-mali ekujoliswe kuyo, amazinga erhafu akhetekileyo kunye nenkxaso yokuthumela ngaphandle. Le mimandla ibonelela ngesiseko semizi-mveliso kumashishini akhangela amathuba kwiimarike zasekhaya nezamazwe ngamazwe. Ixabiso lale mimandla liye lonyuka kakhulu emva kokumiselwa koMmandla woRhwebo weLizwekazi lase-Afrika ongaHlawulelwayo, lo mmandla welizwekazi uqalise ukurhweba ngokusesikweni ekuqaleni konyaka.

Nangona izinga lotyalo-mali liye lacotha ngenxa yezi-phumo zobhubhane, nto leyo eyenye ukuba iiprojekthi ezininzi zilbaziseke, kodwa ngoku iphulo lotyalo-mali liqalisa ukuphakamisa isantya kwakhona.

Njengoko sisensa inkqubela phambili yokuphunyezwa kweSicwangciso soKwakha Ngokutsha nokuVuselelwakoQoqosho - esi sicwangciso sizakujoliswa kakhulu kwiziseko ezingundoqo, uphuhliso lwemizi-mveliso, ingqesho kune nohlaziyo lwezakhiwo - utyalo-mali olwenzelwe okusingqongileyo lona luza kuphucuka ngakumbi. 